IMIGAQO
IGQIZA ELILAWULA I-OLD LÜCKHOFF (OLGB)

1.   UGUNYAZISO

1.1   Uluntu lwaseStellenbosch lwasuswa ngenkani ngokoMthetho weMimandla yaMaqela wango1966, enye yeentsika zenkqubo yengcinezelo. Elinye lawona maziko abaluleke kakhulu kolu luntu yayisiSikolo iLückhoff. Olo luntu lwaxuthelwa ngenkani ilifa lalo lemveli eliyindawo ebabenokuyibanga ngokufanelekileyo njengeyabo yokuba bayibumbele ukuba ibe yindawo yesikhumbuzo neyethemba nanjengesixhobo semfundiso esasiya kuqhubekeka sibonakalisa imiyalezo yethemba, yobulungisa, neyembuyekezo.

1.2   Kwixesha lolawulo ngentando yesininzi, emva kokubhanga kwenkqubo yengcinezelo, uluntu oluthe saa, lukunye neYunivesithi yaseStellenbosch (SU), engumnini wangoku wesi sakhiwo, banomnqweno omkhulu wokuqalisa ukusebenza kwenjongo yezinto ezihamba phambili kwisizwe eziluxolelaniso, imbuyekezo, nobulungisa bezentlalo ukuze kukhawulelwane nokungabikho kobulungisa kwexesha eladlulayo nokwadalwa lixesha lengcinezelo. Oku kuquka ukubuyiselwa kosetyenziso lwezakhiwo zeSikolo iLückhoff kwabo babezisebenzisa kuqala eza zakhiwo ukulungiselela imfundo yabo yasesikolweni, nabathi bamunyelwa, basuswa ngenkani baza bafuduswa ngenxa yexesha langaphambili lengcinezelo .

1.3   Isikowuphu sabo baya kuba ngabaxhamli bokuqala kusetyenziso kwakhona lwezakhiwo zeSikolo iLückhoff singolu hlobo lulandelayo:
      Abaxhamli bokuqala - ezo ntsapho zathi zasuswa ngenkani zasiwa eCloetesville, EIdas Valley naseKayamandi; abo babefunda khona, ootitshala nenzala yabo, naphi na apho bakhoyo ehlabathini; kunye
      Nabaxhamli besibini - lonke uluntu olulolunye kummandla waseStellenbosch neziphaluka ngokubanzi.

2.   INJONGO

2.1   Injongo yeGqiza eliLawula iOld Lückhoff (OLGB) kukutshintsha injongo yeasethi yeSikolo iOld Lückhoff ukuze sisetyenziselwe ukuba sihlaziye, sikhuthaze, siququzelele, siqhube kwaye silungelelanise
      2.1.1   Ubandakanyo loluntu, uphuhliso nobuyiselo loluntu, uphuhliso lwabantu, nokumanya amaphulo nezicwangcisoqhinga;
      2.1.2   Iinkqubo ezinjongo zazo ikukuzisa ubulungisa bezentlalo, umakulinganwe, ukubuyiselwa kwesidima sabantu, ukuphakanyiswa kobumbano ekuhlaleni, ukufunda nokukhula okuqhubekekayo, kwakunye nempumelelo yezentlalo nezoqoqosho, ingakumbi kwabo bantu nenzala yabo, abathi bachaphazeleka kakubi kukungabikho kobulungisa okwabangelwa nguMthetho weMimandla yaMaqela owawunyanzeliswa lixesha lengcinezelo.

2.2   Ngokwenza oku kungentla, iOLGB iza kunceda ekudalweni kwemeko yoluntu, iintsapho ezinokusebenzisana, ezimanyeneyo neziphumelelayo nasekukhululeni amandla abantu angenasithintelo kubo bonke abantu bethu ngendlela epheleleyo nehlaziyekileyo.

2.3   I-OLGB iza kubonelela ngolawulo nokonganyelwa kweenkqubo eziqhutywa kwiSikolo iOld Lückhoff nezikhawulelana nezinto egxile kuzo iOLGB, ifumane iingxelo ize imisele imigaqonkqubo

2.4   Ulawulo nokuqhutywa kwemihla ngemihla kweenkqubo ezikhawulelana nezinto egxile kuzo iOLGB kuza kwenziwa liqela lesigqeba neqela lemisebenzi eliphuma kubasebenzi

beenkqubo/beehabhu ezahlukahlukeneyo kwiSikolo iOld Lückhoff. Ezi nkqubo/habhu ziza kuqulatha abasebenzi beCandelo leFuthe lezeNtlalo, abasebenzi bezemfundo baseSU namalungu ePASS, namalungu oluntu.

3. UMBONO

3.1 Izakhiwo zeSikolo iOld Lückhoff ziza kuba yihabhu edlamkileyo nalapho ithemba lifumaneka, likhuthazwa, kwaye liququzelelwa ngezisombululo ezingobuchule, ezingentsebenziswano kwaye ezifana zodwa eziqhutywa ekuhlaleni neziphawulelwa ukulungiselela ukuphindaphindwa kunye/okanye ukwenziwa ngokunjalo nakwezinye iindawo.

3.2 Iza kuba yindawo yenguquko, intlaliswano yoluntu, nokuphila ngokwakhiwa kwakhona kwembali yethu yasekuhlaleni eyaphukileyo ukuze ibe likamva ekwabelwana ngalo, ukumiliselwa kobulungisa, ithemba nomakulinganwe.

3.3 IStellenbosch siza kuba yidolophu engumzekelo kwezinye nemodeli yamazwe ngamazwe yowona msebenzi uhamba phambili ngokujoliswe kwinguquko, uxolelaniso, imbuyekezo, ulungiso, ubulungisa bezentlalo nokubuyiselwa kwesidima sabantu.

4. IINQOBO

I-OLGB iyazibophelela ekuphakamiseni, ekuziphatheni, nasekwenzeni imisebenzi yayo ngokuthi isebenzise ezi nqobo zilandelayo kuvunyelwana ngazo luninzi ngokuziphatha njengoko zikhankanyiwe apha ngezantsi:
4.1 Ukwahlukahluka noquko
4.2 Uvelwano nokusabela msinya
4.3 Ukuba nokuziphendulela noxanduva
4.4 Ukungafihli nto nokunyaniseka
4.5 Imbeko esuka macala onke nokuthembeka
4.6 Ukugqwesa nobuthunywa
4.7 Ubunini nofikelelo
4.8 Ubulungisa nomakulinganwe

5. IINDAWO EKUGXILWE KUZO

Ezona ndawo zibalulekileyo eza kugxila kuzo iOLGB ukuqinisekisa ukufezekiswa ngempumelelo kwenjongo nombono wayo zezi zilandelayo:
5.1 Ukufunda nokukhula (ukufunda kwasesikolweni nokwasemsebenzini) ukuze kukhululwe amandla abantu namendu okwakha aqinisekisa ifuthe kwizizukulwana – nto leyo idala imekobume eyenza kube nokwenzeka
5.2 Ukwakha ubuhlakani nentsebenziswano exhamlisa wonke ubani
5.3 Ukuphakamisa nokukhuthaza uxolelaniso nobumbano kwezentlalo
5.4 Ukuphakamisa nokuqinisekisa ubulungisa bezentlalo nembuyekezo
5.5 Ubunkokheli nolawulo ngendlela yokuziphatha efanelekileyo
5.6 Ukonyuswa kweengxowamali nolawulo lwezezimali
5.7 Iinkqubo zokusebenza ezisebenzayo – ukudala imekobume eyenza kube nokwenzeka
5.8 Ukubuyiselwa nokulondolozwa kweasethi (umz., ukwakha izakheko ezisisiseko)

6. UBUHLAKANI

I-OLGB iza kuphakamisa, ikhuthaze, ize yakhe ubuhlakani obungentsebenziswano nala maqumrhu, imibutho kunye/okanye amacandelo alandelayo anokuthi ancedisane nomsebenzi obalulekileyo oya kwenziwa ukuze ube nefuthe kwizizukulwana ezizayo:

6.1 ICandelo likaWonkewonke – laMazwe ngaMazwe, leLizwekazi, leSizwe, lePhondo, leSithili neleNgingqi: amaSebe kaRhulumente, amaShishini kaRhulumente, amaZiko eSahluko 9, amaNqwanqwa kaRhulumente (ingakumbi uRhulumente weNgingqi onyanzelisa uMthetho), AmaZiko oWisomthetho (aweSizwe nawamaPhondo), iiNkundla zoMthetho, iiArhente zikaRhulumente zakuMazwe ngaMazwe:

6.2 ICandelo laBucala: Amashishini (ingakumbi ekungawo athi axhamla ekususweni kwabantu ngenkani),

6.3 ULuntu Jikelele: ULuntu lwaseKuhlalnei (ingakumbi abo bathi basuswa ngenkani – abaxhamli ngqo), imibutho engekho phantsi korhulumente (NGO's), amaQumrhu asekelwe kwiNkolo, iMibutho neeNethwekhi (ubuMeli, uthungelwano, njalo njalo), iMibutho esekelwe kuLuntu (CBO's), iiArhente zeNkxasomali, iiArhente zoPapasho

6.4 ICandelo lezeMidlalo, ezeNkcubeko nezoLonwabo: iMifelandawonye, iMibutho, iiKlabhu zezeNtlalo, iiKlabhu zezeMidlalo, amaQumrhu obuProfeshinali, amaBhunga / - amaGqiza ezeMidlalo

6.5 ICandelo lezoKhenketho: amaGqiza ezoKhenketho, iMibutho yezoKhenketho (eyenza inzuzo nengenzi nzuzo)

6.6 ICandelo lezeMfundo: amaZiko eMfundo ePhakamileyo (okuthetha ukuthi iiYunivesithi, iiFET iiKholeji, njalo njalo), iZikolo (iZikolo zaMabanga aPhezulu, iZikolo zaMabanga aPhantsi namaZiko oPhuhliso lwaBantwana abaseLula), iiSETA, amaZiko okuFunda kuMazwe ngaMazwe

6.7 ICandelo lezoLimo: amaQumrhu oLimo ngeeNjongo zokuThengisa, amaQumrhu oPhuhliso lwaseMaphandleni

7. UKWAKHEKA KWEGQIZA

IGqiza leOLGB liya kuquka aba bameli balandelayo bamaqumrhu kunye/okanye bamaqela abo ngokushiyana kwawo:

7.1 IForam yabo babeFunda eLückhoff

7.2 INqununu yangoku yeSikolo saMabanga aPhezulu saseLuckhoff

7.3 INqununu yeSikolo saMabanga aPhezulu saseCloetesville

7.4 INqununu yeSikolo saMabanga aPhezulu saseKayamnandi

7.5 INqununu yeSikolo saMabanga aPhezulu saseStellenbosch

7.6 INqununu yeSikolo saMabanga aPhezulu saseStellenzicht

7.7 IForam yeDie Stellenbosch Vlakte

7.8 IiForam zezeNkolo

7.9 IForam yoBanjiswano ngoLawulo

7.10 IYunivesithi yaseStellenbosch: iSekela likaSekela-Ngqonyela elinoxanduva ngeFuthe lezeNtlalo, iiNguqu naBasebenzi; uMlawuli oMkhulu: iFuthe lezeNtlalo neeNguqu; noMlawuli: iFuthe lezeNtlalo

7.11 UMasipala waseStellenboch

7.12 Nabaphi na abanye abantu/amaqela achaphazelekayo

7.13   I-OLGB inokusebenzisana nabantu abanezakhono ezifunekayo okanye ezinye iimpawu ngaloo maxesha naloo maxesha. Abo bantu banokutyunjwa ngokusesikweni ngamalungu eGqiza.

8.   IINTLANGANISO ZEGQIZA EZIQHELEKILEYO

Iintlanganiso zeGqiza eziqhelekileyo ziza kubanjwa ubuncinane kanye ngekota.

9.   IINTLANGANISO ZEGQIZA EZIKHETHEKILEYO

9.1   INtlanganiso yeGqiza eKhethekileyo ibanjwa ngamaxesha ahlukileyo kulawo eentlanganiso eziqhelekileyo.

9.2   IGqiza okanye amalungu angekho ngaphantsi kwesibini esithathwini anokubiza iNtlanganiso yeGqiza eQhelekileyo yombutho.

9.3   Iintlanganiso zeGqiza eziKhethekileyo zinokubizwa xa iGqiza lidinga ugunyaziso okanye isikhokelo samalungu sokukhawulelana nemiba efuna ukuhoywa ngokungxamisekileyo nengenakulinda de kufike intlanganiso eqhelekileyo elandelayo.

10.   IZAZISO ZEENTLANGANISO

10.1   USihlalo weGqiza nguye oya kubiza iintlanganiso.

10.2   UNobhala kufuneka awazise onke amalungu eGqiza ngomhla wentlanganiso ophakanyisiweyo ngexesha elifanelekileyo, kodwa kungabikho ngaphantsi kweentsuku ezisixhenxe (7), ngaphambi kokuba yenzeke. Noko kunjalo, xa kubizwa iAGM, onke amalungu ombutho kufuneka aziswe ngentlanganiso leyo kwiintsuku ezingekho ngaphantsi kweshumi elinesine (14) ngaphambi kwaloo ntlanganiso.

10.3   Izaziso zazo zonke iintlanganiso ekubonelelwe ngazo kulo mgaqosiseko kufuneka kunikezelwe ngazo kumalungu afanelekileyo ngokubhaliweyo, phakathi kokuba kunikwe umntu buqu, athunyelelwe ngeposi okanye ngonxibelelwano olunge-elektroniki okanye ngayo nayiphi na indlela efanele ilungu elo, kwidilesi okanye ngeenkcukacha eziyelelene noko abonelela ngazo amalungu.

10.4   Izaziso zazo zonke iintlanganiso kufuneka zibonakalise izizathu zentlanganiso leyo nemiba ekuza kuxoxwa ngayo kuloo ntlanganiso.

11.   AMANANI AMALUNGU KWIINTLANGANISO

11.1   Amanani amalungu kuzo zonke iintlanganiso zombutho aya kuba sisininzi samalungu ewonke (50% + 1) ekulindeleke ukuba azimase.

11.2   Noko kunjalo, ukulungiselela umbandela wokuthathela ingqalelo iinguqu kulo mgaqosiseko, isibini esithathwini (⅔) samalungu aya kubakho kwintlanganiso ukwenza inani lamalungu afunekayo ngaphambi kokuba kuthathwe isigqibo sokutshintsha umgaqosiseko.

11.3   Zonke iintlanganiso zombutho kufuneka zifike kwinani lamalungu elifunekayo ngaphambi kokuba ziqale. Ukuba, noko kunjalo, inani elifunekayo elingagcwelanga kwimizuzu elishumi elinesihlanu libethile ixesha lentlanganiso elityunjiweyo, intlanganiso leyo mayichithwe okanye ibekelwe omnye umhla, oya kuba kwiinstuku ezilishumi elinesihlanu emva koko. Ukuba aligcwali inani lamalungu elifunekayo kwintlanganiso leyo iphinde yabizwa kwimizuzu elishumi elinesihlanu libethile ixesha elityunjiweyo, amalungu akhoyo aya kuthathwa

njengalenzayo inani elifunekayo laloo ntlanganiso kwaye loo ntlanganiso iya kuqhubekeka njengentlanganiso enenani lamalungu elifunekayo.

12.   IINKQUBO KWIINTLANGANISO

IGqiza linokulawula iintlanganiso neenkqubo zalo ngendlela eliyibona ifanelekile, ngokuxhomekeke koku kulandelayo:

12.1   USihlalo nguye oya kuphatha zonke iintlanganiso zombutho, kuquka nezo zeGqiza.

12.2   Ukuba uSihlalo akakho, uSekela-Sihlalo nguye oya kuphatha loo ntlanganiso.

12.3   Kwimeko apho bangekhoyo bobabini, amalungu eGqiza akhoyo kuloo ntlanganiso aya kunyula usihlalo waloo ntlanganiso.

13.   UKWENZIWA KWEZIGQIBO KWIINTLANGANISO

13.1   Apho kukwazekayo khona, izigqibo zemibutho ziya kuthathwa ngokuvumelana.

13.2   Noko kunjalo, xa kungekho kuvumelana, amalungu aya kuxoxa ngeendlela ekunokukhethwa kuzo isithuba esithile sexesha aze emva koko abize ivoti. Zonke iivoti ziya kubalwa kwaye uninzi lweevoti kumba othile luya kuthathwa njengesigqibo sentlanganiso leyo.

13.3   Noko kunjalo, ukuba iivoti ezichasayo ziyalingana kuloo mba, usihlalo waloo ntlanganiso uba nevoti yesibini okanye ivoti ekhabayo.

13.4   Onke amalungu kufuneka asithobele isigqibo sesininzi.

14.   IIREKHODI ZEENTLANGANISO

14.1   Imizuzu efanelekileyo neerekhodi zozimaso kufuneka zigcinwe kuzo zonke iintlanganiso zombutho.

14.2   Imizuzu leyo kufuneka iqinisekiswe njengoshicilelo lokwenyani loko kuqhubekileyo ngaphambi kokuba kufike intlanganiso yeGqiza elandelayo, okanye yamalungu jikelele ngokuxhomekeke kwimeko leyo yelo xesha, ize ke emva koko ityikitywe ngusihlalo.

14.3   Imizuzu iya kuthi ke emva koko igcinwe ngokukhuselekileyo kwaye ihlale ifumaneka ukuze amalungu ayihlole.

15.   INTLANGANISO JIKELELE YAMINYAKA LE

15.1   I-OLGB iya kuthi isebenzise ukuba nokuziphendulela kwayo eluntwini ngendlela yeNtlanganiso Jikelele yaMinyaka le (AGM).

15.2   Bonke abachaphazelekayo kulo mbutho kufuneka bazimase iintlanganiso jikelele zawo zaminyaka le.

15.3   Injongo yeNtlanganiso Jikelele yaMinyaka le koku:

15.3.1   Ukuxela kwabo bachaphazelekayo okwenziwa ngabaseziofisini ngokuphathelene neempumelelo nemisebenzi yasebudeni bonyaka.

15.3.1   Ukwenza naziphi na iinguqu kumgaqosiseko.

15.3.3   Ukwenza ukuba amalungu abe nako ukuthatha izigqibo malunga nemigaqonkqubo yombutho.

15.4   Intlanganiso jikelele yaminyaka le kufuneka ibanjwe kanye rhoqo ngonyaka, ekuyeni ekupheleni konyakamali wombutho.

15.5   Umbutho kufuneka ukhawulelane nale miba ilandelayo, phakathi kwezinye izinto, kwintlanganiso jikelele yawo yaminyaka le:

15.5.1   Kuvunyelwane ngemiba eza kushukuxwa ekwiajenda

15.5.2   Kubhalwe phantsi ukuba ngubani okhoyo kwaye ngubani othumele isingxengxezo ngenxa yokuba engenako ukubakho

15.5.3   Kufundwe kuze kuqinisekiswe imizuzu yentlanganiso engaphambili nemiba ethe yavela kutsha nje

15.5.4   Ingxelo kaSihlalo

15.5.5   Ingxelo kaNongxowa

15.5.6   Iinguqu afuna ukuzenza amalungu kumgaqosiseko

15.5.7   Kunyulwe abanini ziofisi abatsha. iOLGB iza kunyula uSihlalo, uSekela-Sihlalo, uNobhala noNongxowa phakathi kumanqwanqwa ayo. Abanini ziofisi baza kusebenza isithuba seminyaka emi3.

16.   IZILUNGISO KUMGAQOSISEKO

16.1   Umgaqosiseko ungatshintshwa kuphela sisindululo.

16.2   Eso sindululo kufuneka kuvunyelwane ngaso kwaye siphunyezwe ngamalungu angekho ngaphantsi kwesibini esithathwini (⅔) akhoyo kwintlanganiso jikelele yaminyaka le.

16.3   Amalungu kufuneka avote kule ntlanganiso ukuze kutshintshwe umgaqosiseko.

16.4   Ukulungiselela umbandela wokuthathelwa ingqalelo kokutshintshwa komgaqosiseko, isibini esithathwini (⅔) samalungu aya kubakho kwintlanganiso ukwenza inani elifunekayo ngaphambi kokuba kuthathwe isigqibo sokutshintsha umgaqosiseko.

16.5   Izaziso ezibhaliweyo kufuneka ziphume kwiintsuku ezingekho ngaphantsi kweshumi elinesine (14) ngaphambi kwentlanganiso ekuya kuphakanyiswa kuyo ukwenziwa kweenguqu kumgaqosiseko. Isaziso eso kufuneka sibonakalise iinguqu kumgaqosiseko eziphakanyiswayo neziya kushukuxwa kwintlanganiso leyo.